

ISIKHOKELO SAKHO KUHAMBO OLUPHAPHILEYO



CITY OF CAPE TOWN
ISIXEKO SASEKAPA
STAD KAAPSTAD

ISMART TRAVEL

Indlela ezinobukrelekrele nezisebenzisekayo zokuhamba zenza ukuba

Kulula noko ukutshintsha
iindlela zethu zokuhamba,
ezinciphisa iindleko, zibe
neenzuzo kokusingqongileyo,
kunciphise nokuxinana
kwiindlela zethu kuze
kuphucule nomgangatho
wobomi eKapa.


Kulixesha elifanelekileyo
ukuphinda ucinge ngendlela
wena nentsapho yakho
enihlangabezana ngayo
nokuhamba imihla
ngemihla nize
ninciphise iindleko
zokuhamba ngexeha
enizipholele ngalo

**INDELELA
ESEBENZISEKAYO
YOKUHAMBA
MIHLA LE**



INDLELA UKUHAMBA OKUNEGALELO NGAYO KUTSHIN- TSHO LWEMOZULU

Kule minyaka ili10 000 idluleyo, ubushushu emhlabeni buye batshintsha kancinci kakhulu, kodwa kule minyaka ili**100 idluleyo buye baqalisa ukunyuka.**



Izazinzulu ziye zagqiba ngelithi unobangela woku kufudumala kwenwebu yezulu **Kuphucula ukunikela ingqalelo ziigesi zegreenhouse ezikokusingqongileyo**



Iigesi ezininzi zegreenhouse ziphehlwa xa amafutha eefosili, njengeoyile namalahle, etshiswa kuze kukhutshelwe ikhabhon dayoksayidi (CO₂) kokusingqongileyo.



Ezi gesi zineda ekubambiseni ubushushu kokungqonge umhlaba, nto leyo ethi kwelinye icala ifudumeze iilwandlekazi ize itshintshe umoya nemisinga yamanzi kwakunye nendlela eyiyo imozulu.



Njengoko umhlaba ufudumala, iingqimba zomkhenkce ziye zaqalisa ukunyibilika, nto leyo eye yabangela ukuphuphuma kweelwandle, yaza yakhukulisa imimandla ethe nyhadavu phantsi, nto leyo eza kuyibeka esichengeni kwixesha elizayo.



Ngokuhamba kwexesha, kuseza kubakho iziganeko zokuba ndlongondlongo kwemozulu. Apha kwiNtshona Kapa, kulindeleke ukuba imozulu yome ngakumbi yaye kulindeleke ukuba iinkqwithela zifike zindlongondlongo ngakumbi.





YINTONI AMAFUTHA EFOSILI?

Amafutha efosili ngamafutha akudala kakhulu aye ayilwa kwizigidi zeminyaka aba yioyile namalahle afezekisa iimfuno zethu zamandla.

Ioyile ngamafutha anika amandla kuninzi lweenqwelo ezineenjini yaye amalahle ayatshiswa ukuze kuphehlwe uninzi lombane onika amandla kumakhaya namashishini amaninzi aseMzantsi Afrika.

Ioyile namalahle zikwabizwa ngokuba yimithombo engahlaziwayo yamandla kuba ziseza kuphela ngenye imini. Inkxalabo ngexesha ekunokwenzeka ngalo oku, kwakunye neFuthe lokutshintsha kwemozulu kwesi sijikelezilanga, kukhuthaza ukuba kutshintshelwe kweyona mithombo isebenzisekayo yamandla anokuhlaziywa.

UKWENZA UKHETHO OLULULO LOKUHAMBA

Ngaphezu kwesiqingatha sawo onke amandla eKapa asetyenziselwa ukuhamba. Oku kunegalelo elivakalayo ekukhutshweni kweegesi zegreenhouse kwesi sixeko, nto leyo ebangela ukutshintsha kwemozulu.

Ungcoliseko lomoya olubangelwa zizithuthi ezinenjini **lukwnegalelo kwizifo zokuphefumla nezinye** ezifunyanwa kwizixeko ezixineneyo ezinabantu abaninzi abanezithuthi zabo.

Ngokukhetha ukuhamba ngezithuthi zikawonkewonke, ukuhamba ngeenyawo okanye ukukhwela iibhayisekile, unganciphisa igalelo onalo ekutshintsheni kwemozulu kwanokuba ukwazi kuphela ukusebenzisa iintlobo ezilula zezinto zokuhamba nezithuthi.



Qala ngotshintsho olungephi ekungekho nzima ukulufezekisa. Ukwenza utshintsho olungephi kwiindlela esihamba ngazo kunokuwenza umahluko.



UKUKHETHA IZITHUTHI ZIKAWONKE- WONKE

Njengoko izithuthi zikawonkewonke zikhwelisa abantu abaninzi, zimela indlela ezikulondoloza ngakumbi okusingqongileyo zokuthutha abantu

esixekweni. Kubantu ngabanye, imali yezithuthi zikawonkewonke ikwaphantsi noko kunokulungisa imoto yakho.



IZITHUTHI ZIKA- WONKEWONKE



IINKONZO YEEBHASI IMYCITI

Le nkondo yeebhasi **inocwangciso**, yenza **izinto zibe lula** ikhwelisa abantu phakathi esixekweni kunye, nakunxweme lweAtlantiki, oludibana eKhayelitsha naseMitchells Plain.

IMyCiTi yinkqubo **engasebenzisi mali**, yaye udinga ukufaka imali kwikhadi eliyi**myconnect** ukuze uhlawulele ukuhamba.

www.myciti.org.za




IINKONZO YEEBHASI IGOLDEN ARROW

Le nkondo yeebhasi ifikelela iindawo ezininzi zesixeko, ingakumbi **ngeeyure ezixakekileyo** zakusasa nasemva kwemini.

Ungahlawula **ngemali** okanye uthenge **iiklipkhadi** zeveki okanye ezenyanga.

www.gabs.co.za



IMETORAIL

IMetrorail yinkondo **kaloliwe wabakhweli yedolophu**.

Nangona inemicelimngeni, iyintsika yenkqubo yezothutho kawonkewonke.

www.metrorail.co.za



IITEKSI EZIZIIMINIBHASI

Umsa enye yezi teksi ecaleni kwendlela okanye ufumane enye yazo erenkini. Zihamba kwimizila enqumleza kulo lonke iKapa. Uxelela umqhubi indawo oza kuhla kuyo.

Uhambo lwakho uluhlawulela eteksini, kunconyelwa ukuba uhlawule kanye loo mali iqingqelwe olo hambo

IZITHUTHI ZOBUQU

KHWELANI NILIQELA ✓



Khwelani niliqela okanye nibaninzi ezimotweni ukuze niphungule iigesi ezikhutshwa ziimoto, nonge imali nize ninciphise uxinezelelo. Okukhonabebaninzi abantu abakhwela ngokwamaqela, okukhona wonke umntu eza konga ixesha kuba kungaxinananga. Fumana abantu bokuhamba apho usebenza khona, kwindawo ohlala kuyo okanye kwiwebhsayithi neeapp ezahlukeneyo. Tshintshanani ngokuqhuba iimoto zenu nitshintshana ngeveki okanye ngenyanga. **Ungafumana intlawulo yepetroli** kwabo ukhwela nabo, logama nje iindleko zisahlulwa ngokulinganayo yaye kungenziwa ngeniso.

QHUBA IMOTO ENGATYI ✓



Ukuba ucinga ngokuthenga imoto, khetha imoto encinci engatyi mafutha engakhuphi khabhoni ininzi, ingakumbi eyenziwe ekuhlaleni enezinto ezinokuhlaziya.

MAWALUNGELE LANISWE LA ✓



Qalani ikhasi lokuncokola nabanye abazali kwindawo enihlala kuyo ukuze nilawule la maqela okukhwelisana ukuya nokubuya esikolweni, kumatheko emidlalo namatheko asemva kokuphuma kwesikolo. Oku kunciphisa inani leehambo ngentsapho nganye.

IITEKSI EZIBALA UMGAMA NE-E-HAILING ✓



Ezobugcisa zenze ukusebenzisa iiteksi ezibala umgama neenkonzo ze-hailing kwalula kakhulu yaye kucutha ukusebenzisa iimoto zobuqu. Imoto ziqokelela abakhweli abakufutshane nazo, nto leyo enciphisa ukuxinana nokukhutshwa kweegesi. Hamba nabanye ukuze unciphise iindleko.

SEBENZA NGENDLELA EZIKHAWULELANA NEMEKO ✓



Ezobugcisa zikunceda ukuba uchithe inxalenye yosuku lwakho, okanye ezinye iintsuku evekini, usebenzela ekhaya, okanye usebenze iiyure ezikhawulelana nemeko ukuze ungahambi ngeeyure ezixakeke kakhulu. Thetha nomqeshi wakho ngelo lungiselelo.

Sebenzisa i-imeyili, isoftwe yokunxibelelana nomnxeba eninokuncokola kuwo ukukhuthaza

ukusebenza njengeqela nokwenza umsebenzi omninzi namaphepha okubhala ixesha enilisebenza kumakhasi onxibelelwano.

Uphononongo ludiza ukuba abantu badla ngokonwaba baze basebenze kakhulu xa besebenza ngeeyure ezikhawulelana nemeko.

SEBENZISAINKQUBO ✓



TManinzi amaziko okupaka ukhwele enye into ngakwizithuthi zikawonkewonke.

Ukushiyaimoto yakho kwiziko elikhuselekileyo uze ugqibezele uhambo lwakho ngesithuthi sikawonkewonke kuya kunciphisa ukuxinana yaye kuya kukunika ithuba lokufunda okanye uphumle.

AMACEBISO ACHUBEKILEYO OKUQHUBA

Ukuba kunyanzelekile ukuba uqhube imoto yakho, zama la macebiso onga imali:




Ngaphambi kokuqalisa naluphi na uhambo, hlola ezi zinto zine ukuba zikwimeko entle na, ezizezi: amavili, iishoksi, iziqhoboshi nevili lokuqhuba. Qiniseka ukuba unamafutha awaneleyo nokuba iselfowuni yakho itshajiwe.



Gcina imoto yakho ikwimeko entle ukuphepha ukuma kwayo ecaleni kwenndlela, kuba usesichengeni sokufumana ingozi okanye ube lixhoba lolwaphulomthetho.



Wuthobele umlinganiselo wesantya esibekiweyo – iimoto zonga kakhulu xa zihamba ngesantya esingu100 ukuya kutsho ku120 km/h.



Hlola umoya osamavilini uze uhlole imeko yamavili akho. Amavili anegalelo elikhulu kumthamo wamafutha osetyenziswa

yimoto, ukuhlala nokubambelela kwayo endleleni, ukubamba kweziquhoboshi zayo nokubambelela kwayo emanzini.

Oyena nobangela wokuma kweemoto ecaleni kwenndlela kukugqabhuka kwamavili. Khangela ukuba ispewili sakho sinomoya owaneleyo Thobela umlinganiselo womoya ofakwa evilini xa ukhwelisile naxa ungakhwelisanga ochazwa ngumenzi wemoto, ochazwa kwipleyiti enenkcazelo eba semnyango okanye ephakathi kwindawo enesiciko sepetroli ukuze wonge amafutha amaninzi.



Tshintsha iigiya ngaphantsi kuka2 000 rpm, ingakumb ukusuka kweyokuqala ukuya kweyesithathu. Faka eyona giya iphezulu kangangoko kunokwenzeka kweyona rpm iphantsi inokwenzeka. Oku kuya kuya kuzithoba kakhulu ngokukhawuleza iindleko zamafutha



Ukuphapha, ukuba neliso elibukhali nokunikela ingqalelo kubangela ukuceba kusengaphambili ukuze ukwazi ukulawula ngokuphumelela iimeko zongxamiseko

ezikhawulezileyo. Ukwazi oko kunokwenziwa yimoto, ukuqonda imeko yakho nokuhlola iimeko zendlela ngokuqhubekayo ngoxa uziqhelanisa nokutshintsha kwendlela neziphazamiso vumela ukuhla ngokuthe ngcembe kwesantya, ukuphepha ukonakala phambi kwexesha.

Qhuba neemoto ezisecaleni kwakho' – ngamany' amazwi, hola uze unikele ingqalelo kwinto eyenziwa ngabanye abantu abasendleleni nohlobo lweemoto abaziqhubayo. Ukuba bamisa ngesiquphe, 'Ungamana?' – ngaba ungama ulumkile?

Nikela ingqalelo kwiirobhothi nezinto eziphazamisayo endleleni ukuze uphephe ukuma rhoqo nto enyanzela

ukusuka ngezona giya ziphantsi. ligiya eziphantsi zithatha amandla/ amafutha amaninzi ukuze ihambe imoto. Yivumele ihambe.



Lucebe uhambo lwakho ukuze uphephe ukulahleke uze uphazanyiswe kwizinto ezenzekayo kufutshane nawe. Vumela ixesha elaneleyo kuhambo lwakho, ukuze ungangxami okanye uxinezeleke. Kwezi ntsuku, iiapp zokukhangela indlela zinokukunceda uthathe owona mgama mfutshane okanye indlela engaxinananga ukuze uye kufika kwindawo oya kuyo.



Qhuba ngocoselelo – ukuwunyathela nokuwuyeka ngocoselelo umcephe konga amafutha. Tshintsha imigca ngocoselelo uthe chu uze unyuse isantya ulungele induli engaphambili



Kuphepha ukuqhuba phakathi kweemoto ngexesha elixakekileyo. Oku kuya konga ixesha lakho kuze kunciphise ikhabhoni ngokuphephisa ukuyidumisa imile imoto phakathi kweemoto ezixakekileyo.

IZITHUTHI EZINGENANJINI

Ukuhamba, ukukhwela iibhayisekile okanye ukukhwela iskateboard zonke ezo zizithuthi ezinekhlabhoni ephantsi ezikulungeleyo okusingqongileyo. Kubhekiselwa kuzo njengezithuthi ezingenanjini

Ezi ndlela zokuhamba zifuna amandla azisayi kulungela wonke umntu kodwa njengoko iindlela ziya zixinana **cinga ngokuquka ezinye izithuthi ezingenanjini ebomini bakho**, kwanokuba uhamba imigama nje emifutshane okanye wenza izinto zokuzihlaziya.



**IIBHAYISEKILE EZILI10
OKANYE IMOTO ENYE**





KHWELA IBHAYI- SEKILE NGOKUK- HUSELE- KILEYO

IKapa lizimisele ukuba sisixeko apho kulula nekukhuselekileyo ukusebenzisa **iibhayisekile**. Asiyiyo yonke imimandla yesixeko enemigca ebekelwe iibhayisekile, kodwa ke, oku kunokubavalela abo bakhwela iibhayisekile

Umbutho oyiPedal Power neBicycle Empowerment Network (iBEN) ixhasa ukukhwelwa kweebhayisekile ngenjongo yokuzihlaziyo nokuhamba yaye **zinikela amacebiso aluncedo nokukhwela iibhayisekile ngendlela enenkathalo.**


Abaqhubi beemoto bakwabongozwa ukuba bababek' esweni abaqhubi beebhayisekile baze babanyamezele ezindleleni. Iingozi ezininzi zebhayisekile zibandakanya abakhweli beebhayisekile abatshayiswa ziimoto ngasemva

Njengoko abaqhubi beebhayisekile besesichengeni xa besebenzisa iindlela neemoto nezinye izithuthi

abaqhubi beemoto bamele balumke ngakumbi baze badlule kubaqhubi beebhayisekile

kumgama okhuselekileyo omalunga nemitha enye, okanye ngaphezulu.

**UKUSEBENZISEKA
AKUPHELELI
NJE EKWENZENI
OWONA
MONAKALO
UPHANTSI.
KUMALUNGA
NOKWENZA**





HAMBA NGEEN- YAWO, XA KUYI- MFUNeko

Uninzi lwethu, kuyazenzekela ukungena emotweni xa sifuna ukuyokwenza okuthile okanye ukuya endaweni ethile. **Xa uye waceba ngomgama othile uyakwazi ukuziphepha ezinye iihambo. okanye uwahambe ngeenyawo.**

Abantu beya beqonda ukuba kuluncedo empilweni ukuhamba ngeenyawo. **Ukuhamba ngokufutshane ukuya nokubuya kwizithuthi zikawonkewonke, ukuya kwiintlanganiselo okanye ukuya kuthenga kunegalelo kumanyathelo asisi5 000 ukuya kwi10 000 ngosuku ekufuneka bonke abantu abadala bawazame ukuze babe sempilweni.**

Abantwana bakhuthazwa ukuba bahambe xa kunokwenzeka kwindawo ekhuselekileyo. Kweminye imimandla abazali nezikolo balungelelanisa 'iibhasi zokuhamba' ezikhatshwa ngumntu omdala ukugodusa abantwana ukuya kwizikolo ezikufutshane

ngendlela abayithandayo, beshukumisa umzimba nangendlela ekhuselekileyo



UKUZE UFUMANE INKCAZELO ENGAKUMBI

I-imeyili: smart.driver@capetown.gov.za

INKCAZELO YOQHAGAMSHELO EYONGEZELELEKILEYO

UKHETHO 1: Dawnlowuda iapp yeenkonzo zeSixeko ezinxulumene noMasipala ezifumaneka kwiApple App Store neGoogle Play Store.

Dawnlowuda le app ngoku nge:



<https://apple.co/3pZAkth>



<https://bit.ly/3pMGltv>

UKHETHO 2: Qhagamshelana neziko leminxeba labathengi leSixeko kule fowuni: **0860 103 089** okanye uimeyilele contact.us@capetown.gov.za. Le nkonzo ifumaneka 24/7 uncedwa ngesiAfrikaans, isiNgesi nesiXhosa

UKHETHO 3: Faka isicelo senkonzo Kwiwebhsayithi yenkonzo yokuzinceda ySixeko www.capetown.gov.za/servicerequests Chonga 'Transport, Traffic and Roads'



UKHETHO 4: Skena iQR eya kukulinka kwinkonzo yokuzinceda

.....

Eli phetshana nezinye izalathiso eziluncedo zifumaneka nge-elektroniki Tyelela u www.capetown.gov.za/urbanmobility

AMAKHASI ONXIBELELWANO

Ulandelelo:

City of Cape Town
 @cityofct
 @UrbanMobility



CITY OF CAPE TOWN
ISIXEKO SASEKAPA
STAD KAAPSTAD